

Meyi  
2011PO Box 20  
Hermanus 7200

	Telephone	Fax
Hermanus	028 313 8000	028 312 1894
Gansbaai	028 384 8300	028 384 0241
Kleinmond	028 271 8400	028 271 4100
Stanford	028 341 8500	028 341 0445
24 Hour Emergency Fire Brigade	028 313 8000/8111 028 312 2400	

# Bulletin

*Incwadi ethunyelwa amalungu e - Bhunga le Overstrand esesikweni*

## • KOMBIWE OMNYE UMNGXUMA WAMANZI EHERMANUS

# IPHULO LOKONGA AMANZI LIYAQINISWA

USodolophu uNicolette Botha-Guthrie wenze isaziso sokuqinisa iphulo lokonga amanzi kwiHermanus eNkudlwana kwiNtlanganiselo yeBhunga ngoLwesithathu umhla wama-30 kuMatshi wama-2011, kwaye ukwanikele ingxelo malunga nenkqubo yeeprojekthi zokuhlangula le dolophu ingabi lilifa leemba-lela kwixa elizayo.

Ukukncenkeshwa kwezititshi kulin-ganiselwe isiqingatha seure ngeveki ukususela kumhla we-15 ku-Aprili wama-2011. Ngokwale ndlela kuqhutywa ngayo ngoku, iiyure zokukncenkeshwa zihamba ngokweenombolo zezindlu. Kubahlali abanezindlu ezineenombolo ezingambini, zingooLwezihlanu, kwabo baneenombolo ezingumngqakathi, zingeMigqibelo – isiqingatha seure phakathi kweyesi-6 ngentseni neyesi-6 ngorhatya lwemivundla.

Izicwangciso zokwandisa imingxuma yamanzi, nto leyo efune ukuba kuhlazi-yye iimpompo, ukwakhiwa kovimba wamanzi nezinye iziseko zophuhliso ukuze kwandiswe umthamo wamanzi acocwayo, kuza kube kubonakala ngasekuthambekeni kumaMeyi phezu kwa-zo nje iingxaki kweminye imingxuma eyembiweyo yamanzi (GWPO2), nto leyo ebangele ukuba amanzi aphume kancinane.

Ukuba ke kuya kuba nempumelelo engakanani kwaye uya kuthatha ixesha elingakanani na ukugqitywa asinakuqi-

niseka ukulungiswa kwalo mngxuma wamanzi, kombiwa omnye umngxuma wamanzi. Le mngxuma iya kuwuphu-cula umlinganiselo wokufunxwa kwa-manzi ukususela kulo ukhoyo ngoku ongama-30l/s ukusa kuma-55 l/s kule nyanga izayo njengoko izinto ziyondelelana, emva koko, uya kuxhuma uye kuma-60 l/s, lowo ke ngumlinganiselo ovunywe liSebe LeMicimbi YezaManzi.

Njengoko kunjalo ngeminye imingxuma yamanzi yoomasipala, lo mngxuma wamanzi uza kutsala kwiMithom-bo EngaPhantsi koMhlaba kulo Singa-Siqithi (Peninsula Aquifer), kwilite e-lifumaneka ngaphantsi komhlaba (quart-zite) elinamanzi. Kuqikelelwa ukuba lo mngxuma uza kuba ziimitha ezinga-phezu kwama-220 eemitha ubunzulu. Imingxuma yamanzi yangaphambili 'idubule amanzi ngamandla' ngaphezu kweelitha ezili-100 ngomzuzwana.

Xa lo mngxuma wamanzi usembiwa, iGWPO2 iza kulungiswa, nto leyo eya kubangela sibe nodederhu lwamaqula amanzi exesha likaxakeka. Lo mngxuma wongeziweyo awuzi kuchaphazela umthamo wamanzi wolu dederhu lwamaqula, ngokoqikelelo lwamanzi namani amanzi aphuma ngaphantsi komhlaba, olukwabandakanya namanzi aya kwimithombo engaphantsi komhlaba.

Umlinganiselo wamanzi ofumaneka apho ubekwe esweni bubuxhakaxhaka beengcingo.

Ekupheleni konyaka ozayo, onke amaqula ethu amanzi aza kuba evelisa amanzi yaye ethulula ama-75 ekhulwini amanzi ale dolophu.

Uphando malunga nokucocwa kwa-manzi ogutyulo lufumanise ukuba le yi-projekthi engangeni kakhulu apha epokothweni yaye ingxelo epheleleyo ngokuphathelele iindleko zemali zokuqhuba iprojekthi elolu hlobo iza kuthiwa thaca phambi kwebhunga kungentsuku zaty-wala. Kwakhona, izeza neprojekthi yokucocwa kwamanzi olwandle kusetyen-

ziswana necandelo lezoshishino lwabu-cala. Eli ziko liza kuza nochatha kumlinganiselo ongangelitha e-1 ye-omega yamanzi olwandle acociweyo kule dolophu.

Kuthatyathwa amanye amanyathelo awahlukahlukeneyo ngumasipala kwil-linge lakhe lokusasaza ulwazi nokun-ganda inkcitho yamanzi. Elinye lala ma-nyathelo kukutshintsha iitepu ezikwi-ilwandle neendawo zikawonke-wonke kufakelwe iitepu ezizilawula ngokwa-manzi afumanekayo.



**INKONZO YEZEMILLO IZAME NGOKUSEMANDLENI**

## UNYULO LOOMASIPALA NGOMHLA WE-18 KUMEYI

Bebonke ngabavoti abangama-45 298 ababhalisileyo e-Overstrand ukuze bathabathe inxaxheba kunyulo loomasipala ngomhla we-18 kuMeyi wama-2011. Kulindleleke ukuba kubekho izikhululo zovoto ezingama-30 kummandla womasipala wale ngingqi.

Ukanti ngabazigqatsileyo abali-118 xa bebonke abagagale iivadi ezili-13 kunye nezihlalo ezili-12 zabameli abambaxa (PR) kwibhunga elitsha e-longeziweyo likamasipala eliza kuvela kolu lonyulo kuMasipala wase-Overstrand. Ngamaqela asibhozo ezopolitiko nalawo azimelelyo aza kuthi ashiya-ne ngotyefezo.

Izikhululo zovoto ziza kuvulwa nentsimbi yesi-07:00 kusasa ngomhla we-18 kuMeyi zize zivalwe ngeyesi-7 ngorhatya lwemivundla. Noko ke, bonke abo bakwimida yezikhululo zovoto ngexesha lokuvulwa kwazo, baza kuvunyelwa ukuba bavote. Aza kuba mathathu amaphepha ovoto: iphepha elimthubi le-PR ovotela kulo iqela lezopolitiko, elimhlophe lokonyula iwadi, ovotela kulo umntu oza kumela iwadi, nephepha eliluhlaza le-PR likaMasipala weSithili, ovotela iqela lezopolitiko kulo.

Ungalibali ke ukuphatha iSazisi esiluhlaza esinebha-khowudi. Uvota kuphela kwisikhululo obubhalise kuso.

Ukuze ubone ukuba ubhalisile na kwaye ubhalise phi, yenza ngolu hlobo:

- Thumela umyalezo (SMS) kunye nenombolo yeSazisi sakho apha 32810 (umyalezo ngamnye owufumanayo okanye owuthumelayo uxabiswa i-R1);
- Yiya kweli jelo [www.elections.org.za](http://www.elections.org.za) okanye [mobi.elections.org.za](http://mobi.elections.org.za);
- Tsalela umnxeba kwiziko loncedo le-IEC kule nombolo: 0800 11 8000 (isimahla kumnxeba oqhelekileyo); okanye
- Hlola uxwebhu lwabavoti kwiOfisi YoLonyulo LukaMasipala ngexesha lomsebenzi.

Abameli abaphuma kuzo zontlanu iinkon-zo zocimo-mlilo ebebandakanyekile ekulawuleni umlilo obukwintaba yaseKleinmond phakathi kuMatshi baphinde babuthelana ngomhla wama-27 kuMatshi ukuza kukhahlela okokugqibela kumci-mi-mlilo obesaze ngobus' elizweni, uHarold Jacobs, obhubhe ngengozi yesiquphe ngethuba bebecima umlilo. Ibikokokuqala ngqa ukuba iNkonzo ZeMlilo zibhujelwe lilungu lazo lisemsebenzini. Ama-lungu ale nkonzo aye afumana iingcebiso emva kwesi sihelegu kwaye akhuthazwa kwakuloo ndawo nguSodolophu uNicolette Botha-Guthrie noMphathi ka-Masipala uWerner Zybrands. Enye into ethe yawosul' iinyembezi kukuba uHarold ebewuthand' egazini umsebenzi wakhe kwaye akuzange kube kudala lisebenza apha eli xhwangusha lasuka lazibalula njengegorha lomcimi-mlilo.

## IPHULO LOKUSETYENZISWA KWEZINTO EBEZISEBENZILE LIQALILE EMPUMA

Ukususela ngomhla wama-25 ku-Apreli wama-2011 iphulo lokusetyenziswa kwezinto ebezisebenzile kungenzeka eGansbaai naseStanford.

Iingxowa zenkunkuma ezikhanyayo nayo yonke imiyalelo eyimfuneko ekwileta yeendaba bezelele zisasazwe ngokubanzi kule veki iphilileyo, kodwa abo bangafumenanga nto mabaqhagamshelane nee-ofisi zikamasipala.

Zisakube zizele iingxowa zenkunkuma, zona kunye neengxowa ezimnyama, zifanele zifakwe suku ngalunye kwindawo eqokelelwayo kuyo inkunkuma yaloo ndlu. Indlu nganye ekhupha ingxowa enezinto eziza kuphinda zisetyenziswe, iza kuphinda ifumane ingxowa entsha ekhanyayo, eya kuthi iphinde yenze kwainto efanayo ngayo.

Iingxowa ezinezinto eziza kuphinda zisetyenziswe zisiwa kwindawo eziza kuphinda zenziwe kuyo eGansbaai apho izinto ezikuyo zihlelwa zize zibotshwe.

Abanye abahlali bala ndawo baye bavakalisa inkxalabo kumaphephandaba asekuhlaleni ngesibakala sokuba abo bacholachola ngokungekho mthethweni izinto abanokuzisebenzisa kwindawo yokulala inkunkuma evuliwe kwaye bengasavunyelwa ukuthatha izinto ezingaphinda zisetyenziswe phaya. Noko ke, imiqathango yemvume kamasipala iyakwalela oku kwaye ukuba le miqathango ayithotyelwa, igunya

lephondo lingaphinda liyirhoxise loo mvume, nto leyo engenza ukuba indawo yokulala inkunkuma ivalwe.

Phofu ke, kuye kwadaleka amathuba ngokwakhiwa kwendawo yokuphucula izinto ezisebenzileyo ziphinde zisetyenziswe. Umnikezeli weenkonzo wakwa-EnviroServ ngenzuzo uqeshe abantu abangasebenziyo ukuze bahlele izinto eziza kuphinda zisetyenziswe phantsi kweliso elibukhali.

Ngenxa yoku kungasentla, bonke abaninimzi bayabongozwa ukuba basebenzisane ngokupheleleyo ukuze baqinisekise ukuba le projekthi iyaphumelela.

IHangklip-Kleinmond nazo zizekwe mzekweni-mnye. EHermanus, izinto ezinokuphinda zisetyenziswe zifanele zikhutshwe ngosuku lwesibini lokuthuthwa kwenkunkuma evekini.

Enye inkonzo eza kunikezelwa kungekudala kwizikhululo zenkunkuma eziseGansbaai naseStanford ziikhonteyina zenkunkuma eyingozi yekhaya, enjengeebhetri ezindala, iiglobhu ezihlala ixesha elide neze-fluorescent, imichiza netyhefu esetyenziswa ezityeni eza kulahlwa simahla. Le nkonzo sele ifumaneka kwizikhululo zenkunkuma eziseHermanus naseKleinmond.



USodolophu uNicolette Botha-Guthrie ubezimase ukunikezelwa kweetyatitile zobunini eZwelihle kuLwesithathu ophelileyo. Abebekho kwesi siganeko ibe nguZoleka Sitemela noMelanie Tenners abangaphambili yaye (kuluhlu oluphakathi) nguRoderick Williams, uMlawuli WeeNkonzo ZoLuntu, uNowonde Kosani, uBulelwa Hlazo, uSodolophu uBotha-Guthrie, uCingelwa Lusiba, uLiziwe Molete, uNowindasi Bokolo, uFrankie Frans, uMphathi WezeziNdlu; ukanti kuluhlu olungasemva, nguPiet Konstabel, uSiyabuya Mdutyulwa, uYoliswa Nel kwanoGoodman Bokolo.

## UBUNGQINA BOBUNINI BENDLU

Uqalisa ukuba ngumnnini-ndlu usakufumana itayitile yobunini (title deed) yendawo ebhaliswe ngegama lakho. Ngenxa yezizathu ezahlukeneyo, uninzi lwabantu abaye bafumana izindlu zexabiso eliphantsi abakhangela bazifumane itayitile zabo zobunini kwixesha elidlulileyo yaye lento yenze kwanzima ukuba baphucule iimeko abaphila phantsi kwazo kwanemihlaba yabo xa bethe basweleka.

UMasipala wase-Overstrand uye wayimela ngeenyawo le ngxaki, nto leyo efuna kwenziwe uphando oluninzi neendlela ezahlukeneyo ekusombulweni isizekabanisi sale ngxaki. ISebe lezeziNdlu lisebenza ngokusondeleyo kunye namagqwetha ukuze liqwalasele ukubhaliswa kwezindlu ngabanini bazo.

Ngokutsho koMphathi wezeziNdlu, uMnu. uFrankie Frans, eyona nqambuzane iba ngumnnini womhlaba ekwakhiwe kuwo, oye uthi kwiimeko e-

zininzi kuthi kanti ngumhlaba karhulumente kazwelonke okanye owephondo hayi okamasipala. Kuqala umhlaba umele ubhaliswe ngomasipala ngaphambi kokuba ubhaliswe ngabanini zindlu.

Enye into iba libaxiso lokubhaliswa komhlaba egameni lomnnini wawo. Kule mihla, umasipala ufaka igxalaba naye kwezi ndleko kwiinzame zokunceda nokukhawulezisa ubhaliso. Ukubambezeleka bekukwabangelwa nalityala analo umntu kumasipala, yaye kuye kwenziwa amalungiselelo okuba abantu abangathathi ntweni bafumane isiqinisekiso esifunekayo sokuhlalulwa kweehafu zikamasipala.

Kwakhona ukubhaliswa komhlaba egameni lomnnini wawo kukwabanjelwe kukutshintsha kwemeko yakhe, yaye ukusilela ukudiza inkcazelo entsha yemeko yakhe malunga nokufa, umtshato, uqhawulo-mtshato nokuphinda atshate kuba yingxaki ekufuneka kujongwane nayo.



## INQWELO YEZOPHUHLISO IYANDULUKA

Emva kweminyaka eliqela yokuceba nokulungiselela, amaqalela oPhuhliso LweZibuko laseKleinmond athe abonakala ngoLwesithathu, umhla wama-30 kuMatshi ebonakaliswa nguSodolophu uNicolette Botha-Guthrie. Le projekthi yezophuhliso etsale iminyaka emihlanu nethe yaxabisa izigidi ezingama-R344 ekugqibeleni iza kuzala amacandelo amatsha okuhlala ali-168 ngaloo ndlela ongezilelele izikwemitha ezingama-6 500 zesithuba zamashishini kulo mmandla. Kwangaxeshanye, iziseko zophuhliso lwezibuko ezixabisa izigidi ezili- R10,9 nezikamasipala ezixabisa izigidi ezili-R10,1 ziza kubekwa. Ngokoqikelelo, kuza kuvuleka amathuba emisebenzi engama-300 ngethuba lesigaba solwakhiwo kwaye ekugqibeleni kuza kuvula izithuba ezisisigxina zemisebenzi ezili-128 kwezoshishino nezinye ezingama-226. Ingxowa kaMasipala iza kuba ngathi iyantsintsitheka ngenxa yeehrafu zeenkonzo nezinye iirhafu eziya kuthi zibe zizigidi ezi-R2,28 kule minyaka mihlanu izayo. "Inqwelo yezophuhliso isukile ngoku," utshilo uNkszn. Botha-Guthrie utshilo. "Ndingwenela bonke ababandakanyekileyo impumelelo kuhambo lwabo. Ngoku ayihambi isus' amaphepha!" Abebezimase esi siganeko kunye naye (ukusuka ekhohlo) ngu-Edward Appolis (we-KCIH), uBriand Louw, uKobus Pauw, uWerner Zybrands, uDesmond Makka, uMark Myles, uPeter Makka noCharles Swartz.



## UMDLALI ODUMILEYO WEFIDYOLI KWIQONGA LE-OAK



Ngengokuhlwa yangoMvulo, ngomhla wama-30 kuMeyi, umdlalo wefidyoli odumileyo waseRashiya u-Andrey Baranov uza ube edlala iingoma zento kaJS Bach, uBeethoven, uTchaikovsky, uVan Dijk, uWieniawski kunye nezento kaGershwin kwiHolo ye-Ziko Loluntu Lwase-Overstrand eHermanus. Uza kube ekhatshwa kuhadi ngudadawabo uMaria Baranova. UBaranov waphuma ephethe ibhaso lesibini kukhuphiswano lwase-UNISA lwe-International Strings Competition (kudidi lweefidyoli). Ngowama-2008, waphumelela kukhuphiswano iSecond Benjamin Britten International Violin Competition eLondon yaye ngowama-2009, wafumana ibhaso lesibini kukhuphiswano iSeoul International Music Competition eKorea. Amatikiti ngama-R80 nama-R40 kubafundi kwaye afumaneka eBellini's yaye ungazibekela indawo kule nombolo 028 312 4988.



**0800 701 701**

## Ubhalisa njani ukuze ufumane inkonzo ye SMS ka Masipala?

Thumela i-SMS enenombolo ye akhawunti kamasipala namagama athi SMS kule nombolo **082 338 1631** okanye uqhagamshelane nesebe loncedo lwabantu kwifosi yokurhafa ekufutshane kuwe.

